Isalathiso: 20201130-9951
Inombolo yefayili: 12/11/8
Imibuzo: ISigaba seSiseko: A du Toit & *InterSen*: E Peck

INgcaciso eMfutshane yeKharityhulam ye-*GET*: DCG 0006/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko ecandelo le-*General Education and Training band*

Isihloko: UkuBuyisela inkqubo yeKharityhulam kweyesiqhelo (*Curriculum Recovery)* ngo-2021

1. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukubonelela ngesikhokelo esimalunga nokubuyisela inkqubo yekharityhulam kweyesiqhelo ngo-2021. Kwakhona ikwanentsingiselo yokurhoxisa iSetyhula 0018/2020 yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) yomhla yowe-03 Agasti 2020 ukwenzela ukuhlaziywa kwayo.

2. I-*Covid*-19 ibangele uphazamiseko olungenakufaniswa nanto kwiisistim zemfundo kwilizwe lonke. Esinye seziphumo soku ibe kukuncitshiswa kwexesha lokufundisa nokufunda, okuneziphumo zokuphulukana nokufunda okubonakalayo kuzo zonke izifundo namabakala. Ukwenzela ukuthomalalisa iziphumo ze-*Covid*-19 ekufundeni nasekufundiseni, iSebe i-*WCED* lamkele indlela yokubuyiselwa kwenkqubo yekharityhulam kweyesiqhelo yeminyaka emininzi (*multi-year curriculum recovery approach)*.

3. ISetyhula 0018/2020 ikhuphe iziCwangciso ii-*Annual Teaching Plans*) (*ATPs)*) ezihlaziyiweyo nezilungelananisiweyo ukuze ziphunyezwe ngo-2020. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukurhoxisa isetyhula ekhankanyiweyo namaxwebhu akhutshiweyo. Izikolo ziya kubonelelwa ngee-*ATPs* ezibuyisela inkqubo yokufunda kweyesiqhelo emaziphunyezwe kwisithuba seminyaka emithathu, ngo-2021 – 2023, phambi kokuba kuphele u-2020.

4. Iinkcukacha ezimalunga novavanyo ngethuba lokubuyisela inkqubo yekharityhulam kweyesiqhelo ziya kucaciswa ngexesha elifanelekileyo.

IZAKHONO ZOBOMI KWISIGABA SESISEKO NJENGESIFUNDO ESIZIMELE SODWA (*STAND-ALONE SUBJECT*)

5. Ootitshala bebevunyelwe ukuba bazidibanise iikhomponenti zeZakhono zoBomi kwiiLwimi ukunciphisa inani lezifundo nokulwa ifuthe lokuphulukana nexesha lokufundisa nokufunda. Lo mqathango wemvume eyodwa ngokwenjenje uyarhoxiswa.

6. Ngo-2021, izikolo ziya kufundisa iZakhono zoBomi njengesifundo esizimele sodwa kwiSigaba seSiseko njengoko kubonelelwe kuMgaqo-nkqubo i-*National Policy pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement Grades R – 12*, epapashwe kwi-*Government Gazette No.* 36042 ye-28 Disemba 2012.

UKUNCITSHISWA KWEZIFUNDO KWISIGABA ESIPHEZULU

7. ISetyhula 0018/2020 ibonelele ngokuncitshiswa kwezifundo kwiSigaba esiPhezulu. Izikolo zinikwe ithuba lokukhetha ukunciphisa izifundo ezibini kwizifundo ezilithoba ezifundiswayo kwiSigaba esiPhezulu ngokuxhomekeke ekubeni kuyekwe izifundo ezibini nomakuvunywe nguMlawuli weSithili. Uyarhoxiswa ke ngoko umqathango wemvume eyodwa yokunciphisa izifundo ukususka kwezisithoba ukuya kwezisixhenxe kwiSigaba esiPhezulu.

8. Ngo-2021, izikolo ziya kufundisa izifundo ezilithoba kwiSigaba esiPhezulu njengoko kubonelelwe kwi-*National Policy pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement Grades R – 12.*

9. Kucelwa wazise okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane kuwo onke amagosa ephondo nawezithili, iinqununu nootitshala bezikolo zikarhulumente nezizimeleyo nabathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-12-11